Isalathiso: 20210721-4514
Inombolo yefayili: 12/17/11
Imibuzo: A van Vuuren

INgcaciso eMfutshane yeCandelo le-*eLearning*: 0004/2021

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kwiiNtloko zoKunika iNkxaso kwiKharityhulam, kuBaphathi beeSekethe, kumaSekela eeNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kuBaququzeleli be-*FET* ne-*GET*, kuBacebisi ngeZifundo, kwiiNqununu nakooTitshala bazo zonke izikolo zikarhulumente eziqhelekileyo nezezikolo zemfundo eneemfuno ezizodwa

Isihloko: ICandelo leProgram yoPhuhliso lwezaKhono zooTitshala ze-*eLearning* (*DEL TPD*)

1. Ingcamango ephambili ye-*eLearning* yeSebe leMfundo leNtshona Koloni (*WCED*) izimisele ekunikeni amathuba ophuhliso lwezakhono igxile ekufundiseni nasekufundeni ngedijithali kwabo bonke ootitshala namagosa eSebe i*WCED*.

2. Ukufundisa nokufunda ngedijithali kucacisa iindlela zokufundisa ezisebenzisa izixhobo zedijithali ezifanelekileyo ukubethelela amava ootitshala okufundisa nawomfundi okufunda. Injongo, ngoko ke, kukuphucula ngaphezulu impumelelo yeenjongo zokufunda zekharityhulam.

3. Iphothifoliyo yoPhuhliso lwezaKhono kwiCandelo le-*eLearning* kwaNdlunkulu, neekomiti zeeNgcebiso nge-*eLearning* kwizithili, zinoxanduva lokulawula iprogram yokuqaliswa kokusetyenziswa kwe-*DEL TPD*.

4. Ukuncedisa ukukhulisa izakhono zedijithali ezizodwa, imenyu yoqeqesho egxile kumanqanaba amane ophuhliso ahlukileyo iphuhlisiwe. Imetriksi yethekhinoloji neendlela zokufundisa (*pedagogy matrix*) inokujongwa ngokusebenzisa le linki ilandelayo: https://wcedeteacher.wixsite.com/remoteeducation/trainingmenu.

5. La manqanaba ophuhliso acaciswa ngoxwebhu lwesikhokelo lukazwelonke, i-*Professional Development Framework for Digital Learning)* (esuka kwiSebe leMfundo

esisiSeko likazwelonke, 2018), nezinye iinkqubo zeethiyori zokufunda (*learning theory models*).

6. Iprogram ye-*DEL TPD* ilandela ishedyuli yoqeqesho enokuguqu-guquka yaye iyaqhubeka ngokuhlaziywa njengoko iimfuno ziqatshelwa zize zisonjululwe. Ukwenzela ingcaciso ehlaziyiweyo malunga neprogram yoqeqesho enokuguquka, imenyu yoqeqesho nesicwangciso senyanga ngeyunithi nganye yoqeqesho, kucelwa nilandele ilinki yomqulu wengcaciso ye-*DEL TPD*: https://bit.ly/DEL-TPD-info-pack.

7. **Iiseshoni zokucacisa ngeprogram (*Mediated sessions*)**

   Le program iququzelelwa ngokuqhagamshelana neekomiti zengcebiso nge-e-*Learning* zezithili, yaye kunokuqhagamshelwana ukubhalisela iiseshoni. (Makufundwe isiHlomelo A). Kucelwa kuqatshelwe ukuba iiseshoni ziqhutywa ngekhompyutha ngoku.

8. **Amathuba okuziphuhlisa ngezakhono ngokuzimeleyo (*Self-directed*)**

   Ukongezelela kwiprogram ye-*DEL TPD*, amathuba oPhuhliso lweeTitshala nge-*eLearning* (*eLearning Teacher Development*) nawo anikiwe kwikhontenti yokuziphuhlisa ngezakhono ngokuzimeleyo (*self-directed content*). Ukuba ufuna ingcaciso engaphezulu ngeeprogram ezandisiweyo ngena apha: https://wcedeteacher.wixsite.com/remoteeducation.

9. Kucelwa abalawuli neenqununu ukuba bazise okuqulethwe yile ngcaciso imfutshane kuwo onke amagosa nootitshala ukuze bakuthathele ingqalelo.

ISAYINWE: NGU-H MAHOMED
USEKELA MLAWULI-JIKELELE OBAMBELEYO WOLAWULO LWEKHARITYHULAM NOVAVANYO
UMHLA: 2021-07-22